| IPLANI YESIFUNDO<br><br>ISIXHOSA (ULWIMI LWENKOBE)<br>UMONGO:IBALANA<br>IXESHA: IIVEKI EZI-3 | | | IBANGA LESIXHENXE |
|---|---|---|---|
| **UMONGO**<br>**PF NEE GH** | **INDIMA KATITSHALA** | **INDIMA YOMFUNDI** | **UHLOLO** |
| **PF 1UKUMAMELA**<br>**GHI**<br>Mamela nokuhlalutya izicatshulwa zomlomo, zentelekelelo, nezibalisayo(iingoma,amabali amafutshane)<br><br>**GH7**<br>Chonga iimeko zokuxabiseka nezembali, zentlalo nenkcubeko kwisicatshulwa esikhethiweyo. | **Intshayelelo**<br>Utitshala ubonisa abafundi isihloko sebalana baze abafundi bathelekelele ukuba ibalana lingantoni. Uxelela abafundi ngeengongoma ezibalulekileyo ebalini umz: isihloko, intshayelelo, isiphelo, abalinganiswa, iploti nendawo elenzeka kuyo ibalana, ixesha elenzeka ngayo ibali noluntu lwendawo leyo ngexesha ekwenzeka ibali elo, umyalezo/imfundiso.<br><br>**Inyathelo 1**<br><br>Njengoko utitshala ebebayalele abafundi ukuba baye kufunda ibali emakhaya ubayalela ukuba babalise ibali elo bencedisana. | **Intshayelelo**<br>Abafundi bathelekelela okuza kwenzeka ebalini.<br><br>**Inyathelo 1**<br><br>Abafundi bamamela ibali lo gama omnye wabafundi abalisa ibali baze abanye baxhase apho kuyimfuneko. | Ifomu:Imibuzo neempendulo<br>IMethodi:Utitshala<br>Izixhobo:Itsheklisti |

| | | | |
|---|---|---|---|
| | **<u>Inyathelo 2</u>**<br><br>Utitshala ufunda ibali elo ecacisa apho abafundi bangaqondi khona ingakumbi apho kukhona amagama abangawaqondiyo.<br><br>**<u>Inyathelo 3</u>**<br><br>Uyalela abafundi ukuba bamamele baqwalasele iingongoma eziphambili lo gama afundayo. Kwakhona uyabayalela ukuba baqaphele indlela umbalisi alibalisa ngayo ibali okanye indlela elifundwa ngayo ibali oko kukuthi baqaphele izijekulo, ukutshintsha - tshintsha kwelizwi, ulwimi lomzimba njlnjl. | **<u>Inyathelo 2</u>**<br><br>Abafundi bamamela ibali elo logama utitshala afundayo<br><br>**<u>Inyathelo 3</u>**<br><br>Abafundi bamamele beqwalasela iingongoma eziphambili bejonga izijekulo, ukutshintsha-tshintsha kwelizwi, ulwimi lomzimba, bebhala phantsi izivakalisi ezishwankathela ibali elo. | Ifomu:Ukumamela<br>IMethodi: Utitshala nabafundi<br>Izixhobo:Itsheklisti |

| | | | |
|---|---|---|---|
| **PF2 UKUTHETHA**<br>**GH 1**<br>Azisa iingcinga nezimvo ngokubonisayo nangokuzithemba ngoncedo asebenzise iintlobo zezicatshulwa zomlomo ezikhethiweyo.<br><br>**GH4** bonisa ubuchule bentsebenziswano obusisiseko ngokuthatha inxaxheba ngokukhethekileyo kwiingxoxo zeqela, kwincoko kwintetho-mpikiswano , kuphando lweqela.<br>**GH 5** Azisa ngobuciko obukwiqondo elithile nangokuyilayo ethathela ingqalelo: Ngokunqumama nokwahluka kwisantya namandla kwiindawo eziphambili, kwisimo,kwizijekulo, nakulwimi lomzimba kwimbonakalo yomzimba . | **Inyathelo 4**<br><br>Utitshala wohlula abafundi babe ngamaqela .Uyalela abafundi ukuba baxoxe ngeli bali lifundiweyo balithelekise nelinye lamabali abasele bewafundile alichongileyo utitshala bejonga ukuba la mabali mabini azalana ngantoni umz: bejonga umxholo, ixesha elenzeka ngalo ibali, izinto ezenziwa ngabalinganiswa ezibonisa ixesha elo, imfundiso kula mabali.<br><br>**Inyathelo 5**<br><br>Utitshala uyalela abafundi ukuba baxoxe, bakhethe abalinganiswa abazintloko/ abaphambili kula mabali mabini baze banike izizathu zokuba bathi bangabalinganiswa abazintloko kwibali ngalinye | **Inyathelo 4**<br><br>Abantwana bathelekisa iimpendulo zabo ngababini<br><br>**Inyathelo 5**<br><br>Abafundi bakhetha abalinganiswa abazintloko banike nezizathu zoko kwibali ngalinye. | Ifomu:ingxoxo<br>IMethodi: Utitshala nabafundi<br>Izixhobo:Itsheklisti<br><br>Ifomu:ingxoxo<br>IMethodi: Utitshala nabafundi<br>Izixhobo:Itsheklisti |

| | | | |
|---|---|---|---|
| **<u>PF3 UKUFUNDA NOKUBUKELA</u>**<br>**GH1** Funda ngokuqhutywa ngumdla kwaye kumaxa amaninzi befundela ulwazi nolonwabo..<br>**GH 2** Funda ngokuvakalayo nangokuthe cwaka kwiinjongo ezahlukeneyo aze ahlanganise ubuchule bokufunda obufanelekileyo obukhuliswe kumabanga angaphambili.<br>**GH 4** Bonisa ingqiqo yezicatshulwa eziqulethe ulwazi<br>• ngokuchonga iingcinga eziphambili nokucacisa iiinkcukacha ukuxhasa ingcinga ephambili | **<u>Inyathelo 6</u>**<br>Utitshala uyalela abafundi ukuba bafunde ibali eliya bebeliphula phule.Utyumba umfundi ngamnye ukuba afunde .Uyalela abafundi ukuba baqaphele indlela afunda ngayo.Ubanika ithuba lokuba bafunde ngokuvakalayo nangokuthe cwaka ngokwamaqela.<br>Utitshala ubayalela ukuba bajonge iziphumlisi, iimpawu zombuzo, izikhuzo njl-njl.Kwakhona ubayalela ukuba batshintsha -tshintshe ithoni. | **<u>Inyathelo 6</u>**<br>Abafundi balinganisa indlela utitshala ebefunda ngayo befunda ngokuvakalayo nangokuthe cwaka ngokwamaqela belandela indlela yokufunda efanelekileyo ayibonakalisileyo utitshala | IFomu:Ukufunda<br>IMethodi:Utitshala<br>Izixhobo:Irubriki |
| | **<u>Inyathelo 7</u>**<br>Utitshala uyalela abafundi ukuba ngeli xesha omnye afundayo, abangafundiyo babhala amagama amatsha nabangawaqhelanga kuluhlu lopelo baze bawafunde baqaphele indlela abizwa ngayo aze emva koko ababuze imibuzo ngokuphuhliswa ngala magama ngokomxholo webali. | **<u>Inyathelo 7</u>**<br>Abafundi bayafunda abanye bamamele bebhala phantsi loo magama angaqhelekanga namatsha kuluhlu lwabo lopelo bewabiza ngendlela eyiyo. Abafundi baphendula imibuzo bechaza ukuba la magama aphuhlisa ntoni ngokomxholo webali. | IFomu:Ukubhala<br>IMethodi:Utitshala<br>Izixhobo:Irubriki |

| | | | |
|---|---|---|---|
| **PF 4 UKUBHALA**<br>**GH 1** Bhala izicatshulwa zentelekelelo, ngokuvakalisa iingcinga,iingcamango neemvakalelo kuye kwabanye ngokuphonononga ukusetyenziswa kolwimi ngokuyilayo, nangokudlalayo,ngezincoko ezibhaliweyo nezichazayo, iidayari,amaphepha,iileta zobuhlobo,iingxoxo,iikhathuni, imihobe neengoma<br><br>**GH 3** Bonisa ubuchule obusisiseko kwiimpawu ezikhethekileyo zokubhala ezifanelekileyo kuhlobo lwesicatshulwa ,umz:<br>ukuzinzisa indawo ekwenzeka kuyo ibali,nesakhiwo kokubaliswayo.lawula isingqisho nemvano zandi kwisihobe,sebenzisa ulwimi olulula kwinkcazelo ezilula aze abonise ulandelelwano lwenkqubo.<br><br>**GH 4** Sebenzisa inkqubo yokubhala ngentsebenziswano nangokuzimisela ukuvelisa izicatshulwa ngokucwangcisa iingcinga. | **<u>Inyathelo 8</u>**<br>Utitshala uyalela abafundi bengamaqela ukuba bazobe imephu yengqondo bebonisa indawo elenzeka kuyo ibali, nini, abalinganiswa abachasayo, umyalezo.Emveni koku ubayalela ukuba babhale imihlathana besebenzisa amanqaku akwimephu yengqondo bebhala ibali ngawabo amazwi.<br><br>**<u>Inyathelo 9</u>**<br>Utitshala uyalela umfundi ngamnye abhale ileta yobuhlobo (uyilo lokuqala) ebalisela umhlobo wakhe ngebali alithandileyo kula bawafundileyo elandela ezi ngongoma:Ubude besincoko bube ngamagama anga(120-140)<br>• Idilesi<br>• isibuliso<br>• Intshayelelo<br>• Isiqu<br>• Isiphelo | **<u>Inyathelo 8</u>**<br>Abafundi ngokwamaqela benze imephu yegqondo.Bathi ke babhale imihlathana bebhala ibalana ngawabo amazwi.<br><br>**<u>Inyathelo 9</u>**<br><br>Abafundi babhala iileta zobuhlobo ezibalisayo belandela iingongoma abazinikwe ngutitshala. | IFomu:Ukubhala<br>IMethodi:abafundi<br>Izixhobo:Irubriki<br><br>IFomu:Ukubhala<br>IMethodi:Utitshala<br>Izixhobo:Irubriki |

| | | | |
|---|---|---|---|
| | **<u>Inyathelo 10</u>**<br>Abafundi bayalelwa ukuba emva kokubhala uyilo lokuqala elowo anike umlingane wakhe alungise iziphene kupelo, uqhawulo lwamagama, ingaba ziqatshelwe na iingongoma eziphambili.Utitshala uncedisa abafundi ekwenzeni oku.<br><br>**<u>Inyathelo 11</u>**<br>Utitshala ulungisa iziphene aze anike abufundi ukuba babhale uyilo lokugqibela. | **<u>Inyathelo 10</u>**<br>Abafundi babhala uyilo lokuqala baze balungise iziphene ngababini.<br><br>**<u>Inyathelo 11</u>**<br>Abafundi babhala uyilo lokugqibela bakube belungise iziphene. | IFomu:Ukubhala<br>IMethodi:Abafundi notitshala<br>Izixhobo:Irubriki |
| **Izixhobo zokufundisa:i**incwadi zamabali,iincwadi zokubhala,iincwadi zolwimi | | | |
| **Sihambe njani isifundo:** Utitshala akuba egqibile ukufundisa makasijonge isifundo eso ukuze enze njengoko kufanelekile. | | | |
| **Izithinteli kufundo:** Abafundi abangevayo mabacaciselwe ngutitshala banikwe ithuba elongezelelweyo, abanentloni ukuthetha eqeleni yiba nomonde ubangcambazise, abangakwazi ukufunda ngokuvakalayo makabakhuthaze utitshala bathethe ngokuvakalayo, abanengxaki zolwimi banikwa izixhobo ezinokuba ncedisa ekusetyenzisweni kolwimi.Abangakwazi ukubhala bancediswe. | | | |

| IPLANI YESIFUNDO<br><br>**ISIXHOSA (ULWIMI LWENKOBE)**<br>**UMXHOLO:EZIBONWAYO NEZIVIWAYO**<br>**U MONGO :ISIBHENGEZO**<br>**IXESHA: IIVEKI EZI-3**<br>**IBANGA LESIXHENXE** | | | |
|---|---|---|---|
| **UMONGO**<br>**IIPF NEEGH** | **INDIMA KATITSHALA** | **INDIMA YOMFUNDI** | **UHLOLO** |
| **PF 1-UKUMAMELA.**<br><br>GH2 Mamela ngonononophelo ulwazi nemiyalezo ephambili, aze aphendule<br><br>• Ukuthatha amanqaku, ukushwankathela,ukugqithisa ulwazi<br>• Ukubuza imibuzo ecela umngeni apho kuyimfuneko | **INTSHAYELELO**<br><br>Utitshala ubuza abafundi ngezibhengezo abazaziyo. Baziva phi okanye bazibona phi?<br><br>**<u>INYATHELO 1</u>**<br><br>Utitshala uvulela iradiyo eklasini eshicilelwe isibhengezo. ubhala imibuzo ebhodini ukuze abafundi bamamele bathathe amanqaku ngelixa bamameleyo.<br><br>**imibuzo**<br><br>-kubhengezwa ntoni?<br><br>- kulungiselelwe abantu abangakanani?<br><br>-kutheni kulungiselelwe bona?<br><br>Inokuba yintoni umsebenzi wazo? | **NTSHAYELELO**<br><br>Abafundi bayaphendula bexela apho baziva okanye bazibona khona bayalinganisa nokulinganisa<br><br>**<u>INYATHELO 1</u>**<br><br>Abafundi bamamela iradiyo bathatha amanqaku baze baphendule imibuzo katitshala eyile ilandelayo.<br><br>**imibuzo**<br><br>-kubhengezwa ntoni?<br><br>- kulungiselelwe abantu abangakanani?<br><br>-kutheni kulungiselelwe bona?<br><br>Inokuba yintoni umsebenzi wazo? | IFOMU:Iimpendulo<br><br>METHODI:Utitshala<br><br>Izixhobo:Uqwalaselo<br><br>IFOMU:Ukumamela<br><br>METHODI:Utitshala<br><br>Amaqela<br><br>Izixhobo:Imemorandam |

| | | | |
|---|---|---|---|
| GH 3-Nakana iindlela izicatshulwa zomlomo ezicwangciswe ngayo izixhobo ezisetyenziselwe nentetho enamandla ukudlala ngamachongwa ukusetyenziswa kweempembelelo zezandi<br><br>**<u>PF 2 UKUTHETHA</u>**<br><br>GH2 Azisa iingcinga, iingongoma ezinobunyaniso nengcamango ngokucacileyo kwaye ngobuciko obuthile nolandelelwano asebenzise iintlobo zezicatshulwa zomlomo ezinengongoma ezinobunyanisoziceli mgeni esebenzisa iintlobo zezicatshulwa nolwimi ekuthetheni umz: ingxoxo ,intetho mpikiswano.<br><br>GH3 Bonisa ubuchule obusisiseko kwiintlobo ezikhethiweyo zezicatshulwa zomlomo ngo<br><br>• kwenza ulandelelwaniso ,lwemiyalelo yomlomo nenkcazelo<br><br>• kuvelisa ingxoxo eziqiqiweyo | **<u>INYATHELO 2</u>**<br><br>Utitshala uqokelele izibhengezo kwiimagazini kwangaphambili.<br><br>Utitshala Unika amaqela izibhengezo uthatha isibhengezo achazele abafundi ngoburharha obuthi busetyenziswe kwizibhengezo, ukudlala ngamagama, ukusebenzisa intetho enamandla ukuze abantu bakwazi ukuthenga, uthatha izibhengezo ezahlukeneyo aze ayalele abafundi ukuba bakhangele oko bebekumamele .<br><br>**<u>INYATHELO 3</u>**<br><br>Utitshala uthatha isibhengezo sibe sinye azame ukucacisa ukuba injongo yaso nasiphi isibhengezo kukunyanzela ukuba abantu bathenge lo nto ithengiswayo.<br><br>Kusetyenziswa la maqhinga alandelayo ukuze abathengi bathenge oko kubhengezwayo:<br><br>- isihloko esibhalwe kakhulu<br>- ubhalo olukhulu<br>- umfanekiso omkhulu otsalayo<br>- abantu abahle<br>- uba nesilogeni | **<u>INYATHELO 2</u>**<br><br>Abafundi bamamela utitshala ebachazela ngezibhengezo ezithi zisebenzise uburharha,intetho enamandla bayaxoxa ngesibhengezo emaqeleni bezama ukukhangla oko bebekuchazelwe ngutitshala, apho kusetyenziswe uburharha, apho kusetyenziswe intetho enamandla njalo-njalo.<br><br>**<u>INYATHELO 3</u>**<br><br>Abafundi bamamele ngeli xesha utitshala achaza iimpawu banikwa izibhengezo ezahlukeneyo bakhangela zonke iimpawu eziphambili zesibhengezo..Emaqeleni abo omnye nomnye uveza ingcamango zakhe,uthatha inxaxheba kwingxoxo, ziyavunyelwa iingcamango zomntu, umntu uyalwamkela ugxeko.<br><br>-Abafundi banika iinjongo yesibhengezo | IFOMU: Iingxoxo<br><br>IMETHODI:Utitshala<br><br>Izixhobo: Itsheklisti |

| | | | |
|---|---|---|---|
| -GH4 Bonisa ubuchule bentsebenziswano ngokuthatha inxaxheba kwiingxoxo zeqela<br><br>-Avumele iingcamango zabanye<br><br>-acacise iingcamango<br><br>-amkele ugxeko<br><br>-Avale izikhewu ngokubuza imibuzo<br><br>-Abonise uvakalelo kumalungelo<br><br>GH 5 Azisa ngobuciko obukwiqondo elithile nangokuyilwayo,ukucacisa okucacileyo nokuvakalayo, kunqumama, ukwahlukana kwesantya namandla<br><br>injongo nabaphulaphuli<br><br>,isimo nolwimi lomzimba,izangotshe ezifanelekileyo,,iyantlukwano.<br><br>GH 6 vavanya impumelelo yonxibelelwano lwakhe kwaye enze uphuculo. | Utishala unika izibhengezo abuze imibuzo efana nale ukukhangela ukuba bayaqonda na<br><br>- Ifonti isetyenziswe njani ukugxininisa umyalezo?<br>- Kutheni umbhali esebenzise lo mfanekiso awusebenzisileyo?<br>- Sithini isilogeni?<br>- Ngobani abanokutsaleka ukuthenga oku kuthengiswayo?Ucinga ukuba umbhali uphumelele ukutsala abathengisi ngesi sibhengezo? Utsho ngoba? | | |

| | | | |
|---|---|---|---|
| | **INYATHELO 4**<br><br>Abafundi banikwa ithuba lokwenza ezabo izibhengezo besebenza ngababini. Bayasilungisa isibhengezo sabo belungiselela ukuba beza kusenza eklasini. Mabalungise oku kulandelayo:ukucacisa okucacileyo nokuvakalayo, ukunqumama, ukwahlukana kwesantya namandla,injongo nabaphulaphuli,isimo nolwimi mzimba,izangotshe ezifanelekileyo. | **INYATHELO 4**<br><br>Abafundi ngababini benza izibhengezo zabo. Basebenzisa lonke ulwazi abalufumene ukusukela kwinyathelo kuqala baxoxe ngazo zonke izinto abachazelwe ngazo ngutitshala. Xa bezakunikezela isibhengezo balungisa oku kulandelayo:ukucacisa okucacileyo nokuvakalayo,kunqumama, ukwahlukana kwesantya namandla ,injongo nabaphulaphuli isimo nolwimi lomzimba,izangotshe ezifanelekileyo. | IFOMU: Izibhengezo eziyiliweyo zomlomo<br><br>IMETHODI: Ngutitshala<br><br>Izixhobo: Irubriki |

| | | | |
|---|---|---|---|
| **PF3 UKUFUNDA NOKUBUKELA**<br><br>GH1 Funda ngokuqhutywa ngumdla kwaye efundela ulwazi nolonwabo<br><br>GH2- Funda ngokuvakalayo nangoku the cwaka,kwinjongo ezahlukeneyo aze asebenzise ubuchule bokufunda<br><br>Ngokukhawuleza nokukwaqula,ukuqikelela,ukuthelekelela.<br><br>GH3 Chonga injongo,abaphulaphuli,nemeko yesicatshulwa.<br><br>GH 4 Bonisa ingqiqo yezicatshulwangokwenza izigwebo nezigqibo ezikubungqina.<br><br>GH5 Cacisa iindlela iimpawu eziphambili nocwangciso lentlobo ezinegalelo ngalo.umz: iphepha ndaba<br><br>GH 7 Hlalutya iindlela ezisetyenziswa ekuyileni iimpembelelo zezicatshulwa ezibonwayo ,ezibhaliweyo nezosasazo<br><br>-chaza ukhetho,nokubekwa kwemifanekiso,nefonti,nombala.<br><br>GH 8 Xoxa ngengcamango nomyalezo.<br><br>GH 9 Xoxa ngemibandela yenkcubeko,ummandla isimo | **INYATHELO 5**<br><br>Utitshala unika abafundi izibhengezo ezibini ,esentengiso nesomsebenzi. Unika abafundi ithuba lokuzifunda zozibini baze banike umahluko. Bayazifunda baze banike umahluko phakathi kwazo .<br><br>**INYATHELO 6**<br><br>Utitshala unika abafundi ithuba lokufunda ngokukhawuleza ,ukukrwaqula izibhengezo bekhangela iimpawu. Umzekelo bakhangele isilogeni, bachaze ifonti nokusetyenziswa kwayo, ulwimi, umfanekiso omkhulu otsalayo, isihloko, uhlobo lomsebenzi, iimfuno zomsebenzi , imfundo efunekayo, umhla wokuvalwa ukungena kwezicelo, zingena kubani , indawo okuyo umsebenzi.Mabachaze injongo, abaphula-phuli nemeko yesicatshulwa yazo zozibini izibhengezo. | **INYATHELO 5**<br><br>Bayazifunda izibhengezo abazinikiweyo baze banike umahluko phakathi kwazo.<br><br>**INYATHELO 6**<br><br>Abafundi bafunda izibhengezo bekrwaqula befunda ngokukhawuleza bekhangela iimpawu zesibhengezo njengoko zibuziwe ngutitshala ezifana nezi:isilogeni, bachaze ifonti nokusetyenziswa kwayo, ulwimi, umfanekiso omkhulu otsalayo, isihloko, uhlobo lo msebenzi, iimfuno zomsebenzi , iimfundo efunekayo, umhla wokuvalwa ukungena kwezicelo, zingena kubani , indawo okuyo umsebenzi. | IFOMU: Iimpendulo<br><br>IMETHODI:Utitshala nomfundi<br><br>Izixhobo: Imemorandam<br><br>IFOMU: Ukufunda<br><br>IMETHODI:Utitshala nomfundi<br><br>Izixhobo: Irubriki nememo |

| | | | |
|---|---|---|---|
| **PF 4 UKUBHALA**<br><br>GH1 Bhala izicatshulwa ezininzi zentelekelelo ngoku vakalisa iingcinga nengcamango nemvakalelo kuye nakwabanye Phononongа ukusetyenziswa kolwimi ngokuyilayo kwisibhengezo kwidayari,amaphepha,ikhathuni,<br><br>Neengoma<br><br>GH 2 Velisa izicatshulwa ezisebenzisa ushicilelo nemifanekiso kwizibhengezo,ingxelo zophando,,neencwadana,nezigxeko ncomo.<br><br>GH4 Sebenzisa inkqubo yokubhala ngentsebenziswano nangokuzimela ukuvelisa izihloko njl-njl.<br><br>PF 5- UKUCINGA NOKUQIQA<br><br>GH 1 Sebenzisa ulwimi ekucingeni, ekubuzeni imibuzo, ekuvakaliseni uluvo.<br><br>GH 2 Sebenzisa ulwimi ekuphandeni<br><br>GH 3 Lungisa ulwazi ngokuthatha amanqaku.<br><br>GH 4 Cinga ngokuyilayo ebonisa uqikelelo, intsingiselo nokusombulula iingxaki ethelekelela okunokwenzeka, ecinga ngeyantlukwano. | **INYATHELO 7**<br><br>-Utitshala uyalela abafundi ukuba bayile izibhengezo zabo abazikhetheleyo ngokwamaqela bebhala belandela inkqubo yonke yokubhala.<br><br>-utitshala uqwalasela abafundi xa bevelisa ezabo izibhengezo.<br><br>-uyabakhuthaza ukuba basebenzisane bakwazi nokuzimela besebenzisa ulwimi olululo.<br><br>-Ubayalela ukuba bafundelane ngokwamaqela belungisa ulwazi nolwimi.<br><br>QAPHELA UKUBA ESI SIPHUMO SESIFUNDO SESIHLANU SISEBENZA KUYO YONKE IMISEBENZI KUBA USEBENZISA UKUCINGA XA SIBHALA, SITHETHA ,SIMAMELE NAXA SIFUNDA | **INYATHELO 7**<br><br>Phambi kokuba babhale mabaphonononge isihloko ngokungqubanisa iintloko besenza iimaphu zengqondo.<br><br>-Abafundi bayila izibhengezo ngamaqela bazibhale bevelisa uyilo lokuqala belandele inkqubo yokubhala. Abafundi bayajongana umsebenzi belungisana.Babhala beqwalasele nolwimi ababhala ngalo de bavelise uyilo lokugqibela. | IFOMU: Isibhengezo eziyiliweyo<br><br>IMETHODI:Utitshala nabafundi<br><br>Izixhobo: Irubriki |

| | | | |
|---|---|---|---|
| **PF 6 UKWAKHIWA NOKUSETYENZISWA KOLWIMI**<br><br>GH1 Sebenza ngamagama ukuyila uluhlu lopelo,izifinyezo<br><br>GH2 Sebenza ngezivakalisi ukuchonga izibizo, izimelabizo, izihlanganisa, izihlomelo.<br><br>GH3 Sebenza ngezicatshulwa ukwenza izihlanganisi,imihlathi<br><br>GH5 Khulisa ingqiqo enzulu yolwimi ngokuchonga intsingiselo<br><br>-Ngokuchonga ulwimi olusetyenziselwa injongo ethile<br><br>-Ngokusetyebenzisa amagama abonisa uvakalelo ngokwemibandela yobuhlanga. | **INYATHELO 8**<br><br>Utitshala unika ithuba lokuba:<br><br>bachaze izibizo nezimelabizo ezikwisibengezo zabo ukwandisa isigama zabo.<br><br>-basebenzise izihlanganisi benze izivakalisi.<br><br>-bazidibanise benze imihlathi umz:ukuze,nokuba.<br><br>- banike intsingiselo kumagama akwisicatshulwa baze bawasebenzise kwizivakalisi ezahlukeneyo. | **INYATHELO 8**<br><br>-Bachonga izibizo<br><br>banike namahlelo besandisa isigama.<br><br>-Basebenzisa izihlanganisi ukwenza izivakalisi ezimbaxa<br><br>-benza imihlathi<br><br>-banike intsingiselo yamagama bawasebenzise kwizivakalisi<br><br>-Bakhetha amagama | IFomu: Umsebenzi weklasi<br><br>IMethodi:Utitshala nabafundi<br><br>Izixhobo: Imemorandam |

| | | | |
|---|---|---|---|
| | **INYATHELO 9**<br><br>Utitshala unika abafundi isibhengezo somdlalo weqonga ukuba balungise iziphene ezifumanekayo .<br><br>***UMDLALO WEQONGA***<br><br>**iqela lomdlalo weqonga kwisikolo saseMvezo liza kube lidlala umdlalo weqonga osihloko sithi "ubude abuphangwa". Lo mdlalo uya kube udlalwa ngomhla we 03 kwinyanga kaju kulo umiyo unyakakwiholo yedolophu uya kuqala ngencala emva kwentsimbi yesithandathu.Uyamenywa wena nendl yakho uze kuzibonela ubuncwane .ima yokungena lishumi lerandi.Umntu ofun inkcukacha angaqhagamshelana nomphathi weqela ngalo mnxeba 0221134488**<br><br>walala!!!! wasala!!! | **INYATHELO 9**<br><br>Abafundi balungisa iziphene<br><br>kwisibhengezo. | IFOMU:Umsebenzi weklasi<br><br>IMETHODI:Umfundi<br><br>Izixhobo: Imemorandam |

<table>
<tr>
<td></td>
<td><u>INYATHELO 10</u><br><br>Utitshala uyalela abafundi ukuba bajonge amagama akuthango abalunikwe ngezantsi bakhe izivakalisi ukucacisa intsingiselo yegama ngalinye<br><br>Umdlalo<br><br>Ngena isihloko mema<br><br>Qhagamshela imali<br><br>Ukuphanga umnxeb</td>
<td><u>INYATHELO 10</u><br><br>Abafundi babhala izivakalisi besebenzisa amagama abawanikwe kuthango ukucaciseaintsingiselo yegama ngalinye.</td>
<td>IFOMU:Umsebenzi wasekhaya<br><br>IMETHODI:Umfundi<br><br>Izixhobo: Imemorandam</td>
</tr>
<tr>
<td colspan="4">Izixhobo:Izibhengezo ezahlukeneyo-ezentengiso nezemisebenzi,iradiyo,amaphepha-ndaba neemagazini,iincwadi zokubhala,iincwadi zolwimi</td>
</tr>
<tr>
<td colspan="4">Sihambe njani isifundo: Utitshala akuba egqibile ukufundisa makasijonge isifundo eso ukuze enze njengoko kufanelekile.</td>
</tr>
<tr>
<td colspan="4">Izithinteli kufunda: Abafundi abangevayo mabacaciselwe ngutitshala banikwe ithuba elongezelelweyo, abanentloni ukuthetha eqeleni yiba nomonde ubangcambazise, abangakwazi ukufunda ngokuvakalayo makabakhuthaze utitshala bathethe ngokuvakalayo, abanengxaki zolwimi banikwa izixhobo ezinokuba ncedisa ekusetyenzisweni kolwimi.Abangakwazi ukubhala bancediswe</td>
</tr>
</table>

| IPLANI YESIFUNDO<br><br>ISIXHOSA (ULWIMI LWENKOBE)<br>UMONGO:UMDLALO WERADIYO<br>IXESHA: 5 IIYURE | | | IBANGA LESIXHENXE |
|---|---|---|---|
| **UMONGO**<br>**PF NEE GH** | **INDIMA KATITSHALA** | **INDIMA YOMFUNDI** | **UHLOLO** |
| **PF 1 Ukumamela**<br>**GH 1** Mamela nokuhlalutya izicatshulwa ezichazayo, ezentelekelelo, nezibalisayo, (umz: iibhaladi, iingoma, amabali amafutshane, iintsomi).<br><br>**GH 4** chonga nokutolika ngokufanelekileyo ubuchule bokungasetyenziswa kwelizwi (umz: imbonakalo yobuso, izijekulo, uphawu lokubonisa).<br><br>**GH 6** nakana nokwamkela iintlobo ntlobo zolwimi ezahlukeneyo njengezicinezelo ezahlukeneyo, ulwimi<br><br>lwezizalwana nolwimi olusetyenziswa ngamaqela abudala obahlukeneyo (kwintetho engekho sesikweni/ engaphucukanga). | **Intshayelelo**<br><br>Utitshala udlalela abafundi ngokufutshane indawana kwisiqendu somdlalo abawuqhelileyo andule ukubabuza imibuzo (umz; Yintoni abayivayo, zandi zini ezenze bafikelela kweso sigqibo basinikayo)<br><br>**Inyathelo 1**<br><br>Utitshala ucacisa ngeendidi ezintathu zemidlalo ngokufutshane: umdlalo weqonga, oweradiyo nokamabonakude (TV). Uphinda abadlalele imidlalo yeradiyo emibini eyahlukeneyo ebayalela ukuba baphulaphule ilizwi, izandi neentshukumo ezifumaneka kule midlalo yomibini. | **Intshayelelo**<br><br>Abafundi baphulaphula umdlalo odlalwayo ngomdla (nangona isiqendu singagqitywanga), bandule ukuphendula imibuzo bechaza oko bakuvileyo.<br><br>**Inyathelo 1**<br><br>Abafundi bamamela ngenyameko lo gama becaciselwa ngeendidi ezintathu zemidlalo.<br><br>Bamamela iradio evakalisa imidlalo emibini bephulaphule ilizwi, izandi neentshukumo ezifumaneka kuloo midlalo yomibini. | IFomu :Ukumamela<br><br>Methodi :Utitshala nabafundi<br><br>Izixhobo:Imemorandam<br><br>IFomu :Ukumamela<br><br>Methodi :Utitshala nabafundi<br><br>Izixhobo:Itshekhlisti |

| | | | |
|---|---|---|---|
| **PF 2 Ukuthetha**<br><br>**GH 1** azisa iingcinga nezimvo ngokubonisayo nangokuzithemba, ngoncedo, asebenzise iintlobo zezicatshulwa zomlomo ezikhethiweyo (umz: amabali, iziqhulo, imidlalo).<br><br>**GH 4** bonisa ubuchule bentsebenziswano obusisiseko ngokuthatha inxaxheba ngokukhutheleyo kwiingxoxo zeqela, kwiincoko, kudliwano-ndlebe, kwiintetho-mpikiswano kwaye xa esenza oko:<br><br>ahlasele imibandela ebalulekileyo (imibandela yentlalo nesesikweni enxulumene nommandla namalungelo oluntu); amkele imisebenzi eyahlukeneyo; avumele ezinye iingcamango; acacise ingcamango yakhe; anike isigxeko-ncomo; avale izikhewu ngokubuza imibuzo, ngokunika ukhetho, ngokugcina iimpendulo zingagqitywanga; abonise uvakalelo kumalungelo neemvakalelo kwabanye; acele umngeni ekusetyenzisweni kolwimi olungenavakalelo okanye olucalulayo.<br><br>**GH 5** azisa ngobuciko obukwiqondo elithile nangokuyilayo, uthathele ingqalelo ngo/kwi/ku-kucacisa okucacileyo nokuvakalayo; kunqumama; kwahluka kwisantya namandla; njongo nabaphulaphuli; simo nolwimi lomzimba; yantlukwano kwimvumelwano yentlalo neyenkcubeko; zangotshe ezifanelekileyo ezifana nenkcaso-vuthondaba | **<u>Inyathelo 2</u>**<br><br>Utitshala unika abafundi imeko bume(scenario)aze abayalela ukuba benze incoko phakathi kwabantu ababini.(dialogue)<br><br>**<u>Inyathelo 3</u>**<br><br>Utitshala wohlula abafundi babengamaqela amabini :<br><br>**Iqela 1**<br><br>Lingabadlali bomdlalo wokuqala baphinde babengababukeli kumdlalo wesibini.<br><br>**Iqela 2**<br><br>Lingababukeli kumdlalo wokuqala, lingabadlali kumdlalo wesibini.<br><br>Utitshala uyalela iqela lokuqala ukuba lilinganise umdlalo wokuqala logama elesibini lingababukeli, kulinganiswe kuthathelwa ingqalelo oku kulandelayo: ukuthetha ngokuvakalayo, isimo, ulwimi lomzimba, izangotshe zokuthetha, umahluko wesantya kwintshukumo njl-njl. | **<u>Inyathelo 2</u>**<br><br>Abafundi benza incoko yabantu ababini belandela imeko bume abayinikwe ngutitshala.<br><br>**<u>Inyathelo 3</u>**<br><br>Abafundi bazohlula babengamaqela amabini. Elokuqala liba ngabadlali kumdlalo wokuqala, ze libe ngababukeli kumdlalo wesibini.<br><br>**Iqela 2**<br><br>Lingababukeli kumdlalo wokuqala libe ngabadlali kowesibini.<br><br>Iqela lokuqala lilinganisa umdlalo wokuqala logama elesibini liba ngababukeli. Bonke bathathela ingqalelo koku: ukuthetha ngokuvakalayo, isimo, ulwimi lomzimba, izangotshe zokuthetha, umahluko wesanntya kwintshukumo, njl-njl. | IFomu :Incoko yabantu yabantu ababini(dialogue)<br><br>IMethodi :Abafundi<br><br>Utitshala<br><br>Izixhobo :Itshekhlisti<br><br>IFomu :Ukudlalwa komdlalo<br><br>IMethodi :Abafundi<br><br>Utitshala<br><br>Izixhobo :Irubriki |

| | | | |
|---|---|---|---|
| **PF 3 Ukufunda Nokubukela**<br><br>GH 1 Funda ngokuqhutywa ngumdla kwaye kumaxa amaninzi efundela ulwazi nolonwabo iintlobo ezininzi zezicatshulwa ezikhethiweyo, achaze impendulo yakhe, kwaye axoxe ngeendidi zezicatshulwa azonwabelayo<br><br>**GH 2** Funda ngokuvakalayo nangokuthe cwaka kwiinjongo ezahlukeneyo aze asebenzise ubuchule bokufunda obahlukeneyo (umz: ukufunda ngokukhawuleza, ukukrwaqula, ukuqikelela, imikhondo ekwimeko, ukuthekelela).<br><br>Kusebenzisa iintlobo zezenzi: uhlobo lokuqondisa, lokuqhubeka, lolandelelwano<br><br>**GH 5** chonga iintlobo ezahlukeneyo zezicatshulwa neempawu eziphambili kwaye acacise indlela isicatshulwa esicwangciswe ngayo (umz: imihobe, amanqaku ephepha-ndaba, iintengiso, amanqaku amafutshane emagazini).<br><br>**GH 6** bonisa ingqiqo yesicatshulwa, injongo yaso, ulwalamano kubomi babo ngokuxoxa isakhiwo, imixholo, abalinganiswa nendawo apho ibali lenzeka khona.<br><br>**GH 10** chonga nokuxoxa imibandela yentlalo, yenkcubeko, yommandla nesesikweni ekwezicatshulwa( njengokuba ibhentsisiwe zizimo ezahlukeneyo zesicatshulwa ezifana nomxholo, ulwimi, imifanekiso nesimo sabalinganiswa | Inyathelo 4<br><br>Utitshala uyalela abafundi ukuba bafunde ngokuvakalayo kwiincwadi zabo zomdlalo besahlulwa ngokweendima zabalinganiswa emdlalweni lowo.<br><br>Inyathelo 5<br><br>Utitshala uyalela abafundi ukuba bathathe iincwadi zomdlalo nezamabali bachonge umahluko kwindlela ezicwangciswe ngayo ezi ncwadi.<br><br>Inyathelo 6<br><br>Utitshala uthi mabaxoxe ukuba umxholo womdlalo ubuchaphazela njani ubomi babo, (umz: ingaba izenzo ezikumdlalo ziyenzeka na kwintlalo yobomi babo, ingaba yintoni imfundiso yomdlalo kubo, bayakwazi na ukunxulumanisa indawo ekwenzeka kuyo umdlalo neendawo abahlala kuzo, njl-njl.). | Inyathelo 4<br><br>Abafundi bafunda ngokuvakalayo kwiincwadi zabo zomdlalo bezahlula ngokweendima zabalinganiswa emdlalweni lowo.<br><br>Inyathelo 5<br><br>Abafundi bachonga umahluko kwindlela ezicwangciswe ngayo ncwadi zimbini ( amabali kunye nomdlalo)<br><br>Inyathelo 6<br><br>Abafundi baxoxa ngendlela ewuchaphazela ngayo umdlalo intlalo yobomi babo umz: imfundiso, indawo ekwenzeka kuyo umdlalo, njl-njl. | IFomu :Ukufunda<br><br>IMethodi :Umfundi<br><br>Utitshala<br><br>Izixhobo:Irubriki<br><br>Ifomu:Ingxoxo ye klasi<br><br>Imethodi:Utitshala<br><br>umfundi<br><br>Izixhobo :Uxwebu loqwalaselo |

| | | | |
|---|---|---|---|
| **PF 4 Ukubhala**<br><br>**GH 1** Bhala izicatshulwa zentelekelelo ezibhalwayo ezininzi ezikhethiweyo ngo-<br><br>• kuvakalisa iingcinga, iingcamango neemvakalelo kuye nakwabanye.<br><br>**GH 3** bonisa ubuchule obusisiseko kwiimpawu ezikhethiweyo zokubhala ezifanelekileyo kuhlobo lwesicatshulwa (umz: zinzisa indawo ekwenzeka kuyo ibali, nesakhiwo kokubaliswayo, lawula isingqisho nemvano-zandi kwisihobe, sebenzisa ulwimi olulula kwiinkcazelo ezilula, aze abonise ulandelelwano kwinkqubo).<br><br>**GH 4** Sebenzisa inkqubo yokubhala ngoncedo nangentsebenziswano ukuvelisa izicatshulwa ngo-<br><br>• kukhetha nokuphonononga isihloko ngokungqubanisa iintloko, esebenzisa iimaphu zengqondo nezintlu;<br>• kusebenzisa ezinye izicatshulwa njengemizekelo yokubhala;<br>• kuqulunqa nokuvelisa isihloko ngolwazi lomnye umnthombo;<br>• kucwangcisa iingcinga ngokulandelelana ukuvelisa uyilo lokuqala; | Inyathelo 7<br><br>Utitshala uyalela abafundi ukuba babhale intetho yababini (dialogue) belandela amanqaku ebebewafundile; bethathela ingqalelo inkqubo yokubhala. | Inyathelo 7<br><br>Abafundi babhala intetho yababini (dialogue) belandela amanqaku okubhala ebebewafundile.Bathathela ingqalelo inkqubo yokubhala beqala ngoyilo lokuqala, baluvavanye, baye kolwesibini baluvavanye, bandule ukuvelisa imveliso yokugqibela enokupapashwa. | IFomu:Intetho yababini<br><br>IMethodi:Ngutitshala Nabafundi<br><br>Izixhobo:Irubriki |

| | | | |
|---|---|---|---|
| **PF 5 Ukucinga Nokuqiqa**<br><br>**GH 1** sebenzisa ulwimi ekucingeni nasekuqiqeni ngo-kuthelekelela nokukhupha intsingiselo aze acacise iinjongo zombhali ngokutolika izicatshulwa ezibhaliweyo, ezibonwayo, nezivakalayo ngokuhlangene nekharityhulamu;<br><br>kucacisa intsusa neziphumo;<br><br>kuthelekisa izinto ezinyuliweyo ngokugqiba ukuba yiyiphi indlela engcono kunenye kwezi zimbini; | QAPHELA UKUBA ESI SIPHUMO SESIFUNDO SESIHLANU SISEBENZA KUYO YONKE IMISEBENZI KUBA USEBENZISA UKUCINGA XA SIBHALA, SITHETHA ,SIMAMELE NAXA SIFUNDA | | |
| **PF 6 Usetyenziso Lolwimi**<br><br>**GH 1** Kusebenzisa ubuchule obahlukeneyo bokupela amagama angaqhelekanga;<br><br>Kuyila uluhlu lwakhe lopelo nesichazi-magama samagama ngokuhlangene nekharityhulam;<br><br>**GH 2** sebenza ngezivakalisi ngo:<br><br>Kuchonga nokusebenzisa izibizo, izimelabizo, izenzi, izichazi, izihlanganisi, izikhuzo, izifanekisozwi, izihlomelo.<br>Kusebenzisa iintlobo zezenzi uhlobo lokuqondisa, lokuqhubeka, lolandelelwano, lokuyalela, lokukhankanya | Inyathelo 8<br><br>Utitshala uthi mabachonge izigaba zentetho ezifumaneka kulo mdlalo bandule ukuzichaza bezicacisa ngokunika intsingiselo echanekileyo. | Inyathelo 8<br><br>Abafundi bachonga izigaba zentetho ezifumaneka kulo mdlalo, umz; isihlanganisi, izenzi, izibizo, izithethantonye, izaci namaqhalo, izafobe njl-njl. | IFomu: Umsebenzi weklasi<br><br>IMethodi:Utitshala nomfundi<br><br>Izixhobo :Impendulo ezilungisiweyo (imemo) |

| | | | |
|---|---|---|---|
| **GH 3** sebenza ngezicatshulwa ngo:<br><br>kuguqula ukusetyenziswa kwesihloko nokuxhasa izivakalisi (umz: ukubeka isihloko sesivakalisi ekugqibeleni) ukudala ulandelelwano kwimihlathi; kusebenzisa izihlanganisi ukwenza ulandelelwano lweengcinga eziqiqiweyo kumhlathi; kulandelelanisa imihlathi ngokufanelekileyo ukudala zicatshulwa ezide.<br><br>**GH 4** phuhlisa ingqiqo nokusetyenziswa kwesimbo sokubhala ngo;-kusebenzisa ubude neentlobo ezahlukeneyo zesivakalisi;kwahlula phakathi kolwimi olusesikweni nollungekho sikweni;kusebenzisa izangotshe zolwimi nesimbo sokuthetha;<br><br>**GH 5** khulisa ingqiqo enzulu yolwimi ngo;-kuchonga izicatshulwa apho ulwimi lungathethi oko kuthethwayo achonge intsingiselo ekubhekiswe kuyo; kuchonga ulwimi olusetyenziselwa injongo ethile; kuchonga nokusebenzisa amagama abonisa uvakalelo kwimibandela ephathelele kwisini, kubulunga, kummandla, kwimpilo, kwintlalo nakwinkcubeko. | **ISIPHELO**<br><br>Utitshala uthi mabashwankathele umdlalo abawufundileyo ngokwamaqela benika injongo, iingcinga, izimvo, uvakalelo negalelo lemidlalo kwintlalo yabo. | **ISIPHELO**<br><br>Abafundi bashwankathela umdlalo ngokwamaqela abawufundileyo benika iinjongo, izimvo, iingcinga, imvakalelo negalelo lemidlalo kwintlalo yabo. | IFomu: Ushwankathelo<br><br>IMethod:iUtitshala Nomfundi<br><br>Izixhobo :Irubriki |
| **Izixhobo:** Iradiyo, iincwadi zokubhalela, iincwadi zemidlalo. | | | |
| **Sihambe njani isifundo**: Utitshala akuba egqibile ukufundisa makasijonge isifundo eso ukuze enze njengoko kufanelekile. | | | |
| **Izithinteli kufunda**: Abafundi abangevayo mabasondezwe kunomathotholo, bacaciselwe ngutitshala banikwe ithuba elongezelelweyo, abanentloni ukuthetha eqeleni yiba nomonde ubangcambazise, abangakwazi ukufunda ngokuvakalayo makabakhuthaze utitshala bathethe ngokuvakalayo, abanengxaki zolwimi banikwa izixhobo ezinokuba ncedisa ekusetyenzisweni kolwimi.Abangakwazi ukushwankathela bancediswe. | | | |

| IPLANI YESIFUNDO<br><br>**ISIXHOSA (ULWIMI LWENKOBE)**<br>**UMONGO:IBALANA**<br>**IXESHA: IIVEKI EZI-3** | | | **IBANGA LESIBHOZO** |
|---|---|---|---|
| **UMONGO**<br>**PF NEE GH** | **INDIMA KATITSHALA** | **INDIMA YOMFUNDI** | **UHLOLO** |
| **PF 1UKUMAMELA**<br>**PF 1 Ukumamela**<br><br>**GH 1**<br>Mamela nokuhlalutya izicatshulwa zomlomo, zentelekelelo, nezinika ulwazi ezicela umngeni (umz: imihobe, izibongo, amabali amabini okanye amathathu anembali yesehlo, imidlalo yeradiyo, intetho ezimfutshane, izazisi zeradiyo, nengxoxo<br><br>**GH 5** Chonga amagama athile, amabinza'<br><br>nezivakalisi eziphembelela umphulaphuli, aze acacise neempembelelo zazo(umz: Intetho echukumisayo ukwahlula phakathi kwenyaniso nengcinga, kunakana umtsalane bucala nokuqal'ugwebe)<br><br>**GH 7**<br>Chonga imeko zokuxabiseka nezembali, nenkcubeko kwizicatshulwa zikhethiweyo | **Intshayelelo**<br>Utitshala utsala umdla wabafundi ngokubabuza amabali anembali yesehlo,umz:Okwenzekayo ngomnyaka we -1963, March 21 ,nango mhla we 16 June 1976.Imibuzo enjenga le:<br>Lo mnyaka we-1963 waziwa ngasiphi isigigaba?<br>Kanti wona lo we- 1976 waziwa nga ngantoni, ngoba?<br><br>**Inyathelo 1**<br><br>Utitshala ufunda iscatshulwa esimalunga nokwakusenzeka ngomhla wama-27 Epreli 2004, phofu isihloko engasichazanga ngenjongo yokokuba bahlule phakathi kwenyaniso nengcinga, bakwazi ukuchonga ingcinga yesithethi nokuchonga iimeko zokuxabiseka nezembali.<br><br>. | **Intshayelelo**<br>Abafundi baphendula imibuzo katitshala<br><br>**Inyathelo 1**<br>Abafundi bamamela lo gama utitshala efunda,elowo umfundi ethatha amnqaku(note taking) Ngeengcinga eziphambili bezama ukukhupha isihloko sesicatshulwa. | Ifomu:Imibuzo neempendulo<br>IMethodi:Utitshala<br>Izixhobo:Itekisi<br><br>Ifomu:Ukuthatha amanqaku<br>IMethodi:Umfundi ngokwakhe<br>Izixhobo:Incwadi yokubhalela |

| | | | |
|---|---|---|---|
| **PF 2 Ukuthetha**<br><br>GH 1 azisa iingcinga, nezimvo ngokuyilayo nangokuzithemba okukwiqondo elithile**,** nangoncedo olunyiniweyo, asebenzise iintlobo zezicatshulwa zomlomo ezikhethiweyo (umz: imidlalo, imidlalwana, iingoma).<br><br>**GH 4**<br>bonisa ubuchule bentsebenziswano obusisiseko ngokuthatha inxaxheba ngokukhutheleyo kwiingxoxo zeqela, kwiincoko, kwiintetho-mpikiswano, kuphando lweqela kwaye xa esenza oko:<br>ahlasele imibandela ebalulekileyo (imibandela yentlalo nesesikweni enxulumene nommandla namalungelo oluntu);<br>abuze imibuzo efanelekileyo<br>amkele imisebenzi eyahlukeneyo;<br>avumele ezinye iingcamango zabanye kwaye angavumelani ngokuchubekileyo apho kuyimfuneko;<br>acacise ingcamango yakhe;<br>anike kwaye amkele isigxeko-ncomo;<br>avale izikhewu ngokubuza imibuzo, ngokunika ukhetho, ngokugcina iimpendulo zinga gqitywanga abonise umdla wenene;<br>abonise uvakalelo kumalungelo neemvakalelo kwabanye kwincoko apho kufanelekileyo<br>acele umngeni ekusetyenzisweni kolwimi olungenavakalelo okanye olucalulayo.<br>. | **Inyathelo 2**<br>Utitshala wahlula abafundi babe ngamaqela ukulungiselela ingxoxo yamaqela ebayalela ukuba wonke umfundi athabathe inxaxheba kwingxoxo naye phofu ejikeleza kumaqela lawo. | **Inyathelo 2**<br>Abafundi basebenza ngokwamaqela bedibanisa amanqaku abebewathathile ngexesha utitshala ebefunda.Bayawadibanisa, bexoxa bezama ukhupha imibandela ebalulekileyo emalunga nomandla namalungelo oluntu.Apha umfundi makabonakalise uvakalelo esamkela nezigxeko eziphuma kwabanye.Bayayilungisa ingxoxo yabo ze emveni koko benze unikezelo (presentation) lweziphumo zengxoxo yabo. | IFomu:Ingxoxo yamaqela<br>IMethodi:Utitshala<br>Izixhobo:Rubriki |

| | | | |
|---|---|---|---|
| **GH 5** azisa ngobuciko obukwiqondo elithile nangokuyilayo, ethathele ingqalelo ngo/kwi/ku-kucacisa okucacileyo nokuvakalayo kungqumama<br>kwahluka kwisantya namandla<br>njongo nabaphula-phuli<br>simo nolwimi lomzimba<br>yantlukwano yeendlela zokwazisa<br>lwimi oluthethwa ngabantu abathile mvakalozwi<br>mvumelwano yentlalo nenkcubeko zangotshe ezifanelekileyo ezifana nenkcaso-vuthondaba nobabazo(impembelelo yogqithiso)<br>**GH 6**<br>Chonga nokuxoxa iimpawu ezinegalneko kwimpumelelo yonxibelelwano lwakhe. | **Inyathelo 3**<br>Utitshala ulungiselela ingxoxo mpikiswano.Uyabahlula abafundi babe ngamaqela ambini elinye iqela livuyela iminyaka elishumi yenkululeko bancome yonke into ethe yenzeka kumzantsi Afrika kule minyaka.Elesibini iqela ligxeka ligxeka urhulumente ngezinto ezithe zenzeka kule minyaka igqithileyo.Le ngxoxo mpikiswano mayibe shushu, avane amandla amaqela ngamazwi, hayi ngezigalo. | **Inyathelo 3**<br>Kwenziwa ingxoxo mpikiswano ngala maqela mabini.Ilelo lilwela icala lalo lithetha kuvokotheke lixhasa izimvo zazo. | IFomu:Ingxoxo – mpikiswano<br>IMethodi:Utitshala<br>Izixhobo:Irubriki |

| | | | |
|---|---|---|---|
| **PF 3 Ukufunda Nokubukela**<br><br>**GH 1**<br>Funda ngokuqhutywa ngumdla kwaye kumaxa amaninzi<br>efundela ulwazi nolonwabo iintlobo ezininzi zezicatshulwa ezifundiweyo, axoxe impendulo yakhe, neendidi zezicatshulwa azonwabelayo kwaye acebise abanye ngezicatshulwa<br><br>**GH 2**<br>Funda ngokuvakalayo nangokuthe cwaka kwiinjongo ezahlukeneyo aze ahlanganise ubuchule bokufunda obufanelekileyo obukhuliswe kumabanga angaphambili<br><br>***GH 4***<br>Bonisa ingqiqo yezicatshulwa eziqulethe ulwazi ngo- kuchonga iingcinga eziphambili nokucacisa inkcukacha ezixhasa ngayo ingcinga ephambili kubuza iingcinga apho kuyimfuneko ,kwenza izigwebo neziqgibo nengcinga esekelwe kubungqina<br><br>**GH 5**<br>Cacisa indlela iimpawu eziphambili nogcwangciso lweentlobo ezahlukeneyo zesicatshulwa eezinegalelo ngayo ekusebenziseni kwezicatshulwa (umz: imihobe, iinoveli ezimfutshane, amanqaku ephepha-ndaba, iileta, iibhaladi, izgxwko-ncomo zeencwadi).<br><br>**GH 6**<br><br>bonisa ingqiqo yesicatshulwa, injongo yaso, ulwalamano kubomi babo ngokuxoxa isakhiwo | **Inyathelo 3**<br><br>Utitshala unika abafundi ithuba lokufunda isicatshulwa ekhangela indlela umfundi afunda ngayo, ingaba ufunda ngokuvakalayo nangokucacileyo.Ubuya ke abanike ithuba lokuba bafunde ngokuthe cwaka.<br><br>**Inyathelo 4**<br><br>Utitshala uyalela umfundi ngamnye ukuba aphendule imibuzo evela kwisicatshulwa.<br><br>**Inyathelo5**<br><br>Utitshala unika abafundi indlela zokubhalela kwiphephandaba ebhala amanqaku oku ebhodini amanye ewafumana kubafundi ngokubabuza imibuzo. | **Inyathelo 3**<br><br>Abafundi bafunda ngokuvakalayo ngokwamaqela ze bafunde ngokuthe cwaka.<br><br>**Inyathelo 4**<br><br>Abafundi baphendula imibuzo bebhala besebenza ngabanye.<br><br>**Inyathelo5**<br><br>Abafundi besebenzisana notitshala baphosa izimvo ngokubhalela kwiphepha-ndaba.Bakhuphela la manqaku ezincwadini. | IFomu:Umsebenzi obhalwayo<br>IMethodi:Utitshala<br>Izixhobo:Irubriki |

| | | | |
|---|---|---|---|
| imixholo, ikuxabiseka, abalinganiswa nendawo apho ibali lenzeka khona.<br><br>**GH8**<br><br>phendula ngobunzulu kwizicatshula ngoku<br><br>xoxa ngengcamango yombhali<br>xoxa ngemiyalezo ecacileyo(okanye efihlakeleyo) kwisicatshulwa nangomtsalane<br>bucala/ukualugwebexoxa ukuba umxholo uwuphembelela njani umyalezo<br>chonga okushiyiweyo kwisicatshulwa aze axoxe ukuba kungani kushiyiwe<br>buza ukuba uyavumelana nemiyalezo ekwisicatshulwa | **Inyathelo 6**<br><br>Utitshala unika amaqela umsebenzi wokubhalela kwiphepha-ndaba bevakalisa izimvo zabo ngokwenzekileyo nokungenzekanga kule minyaka ilishumi yedemokrasi.Utitshala unika abafundi la manqanaba okubhala amakalandelwe:<br><br>• Intloko yeli nqaku malibe nomtsalane<br>• Amagqabantshintshi adandalazisa ukubaluleka kokwenzekileyo nokungenzekanga<br>• Kule minyaka ilishumi<br>• Nika ingcebiso kurhulumente<br>• Gqibela ngokubhala :igama nefani ,umhla,inyanga nonyaka<br><br>**Inyathelo 7**<br><br>Utitshala unika abafundi isicatshulwa<br><br>Esinesi sihloko: Ngumhla wama 27 Apreli<br><br>Ngowama -2004.Uyalela abafundi ukuba bafunde ngamaqela bexoxa ngengcamango yombhali,imiyalezo ecacileyo nendlela umxholo owuphembelela ngayo umyalezo | **Inyathelo 6**<br><br>Ngokwamaqela abafundi badibanisa izimvo zabo bebhalela kwiphephandaba<br><br>**Inyathelo 7**<br><br>Abafundi ngokwamaqela bafunda isicatshulwa abasinikiweyo, belandele imiyalelo katitshala.Umz: yenzeka/lenzeka phi ibali, uthini umxholo wesicatshulwa, umyalezo wona njl-njl. | IFomu:Inqaku lephepha-ndaba<br>IMethodi:Utitshala<br>Izixhobo:Irubriki<br><br>IFomu:Ukufunda<br>IMethodi:Umfundi<br>Izixhobo:Itsheklisti |

| | | | |
|---|---|---|---|
| **PF 4 Ukubhala**<br><br>**GH 1**<br><br>Bhala izicatshulwa ezininzi zentelekelelo ngo-kuvakalisa iingcinga, iingcamango neemvakalelo kuye nakwabanye.<br>Kuphononongа ukusetyenziswa kolwimi ngokuyilayo nangokudlalayo, ngezincoko ezibalisayo nezichazayo, iidayari, amaphepha, iileta zobuhlobo, iingxoxo, iikhathuni, imihobe, neengoma<br>**GH 3**<br>bonisa ubuchule obusisiseko kwiimpawu ezininzi zokubhala ezifanelekileyo kuhlobo lwesicatshulwa (umz: ukutyhila abalinganiswa, ukuzinzisa indawo ekwenzeka kuyo ibali, ukukhulisa isakhiwo kubhalo olubalisayo noluchazayo,esbenzisa imifanekiso-ntelekelelo elula kwisihobe).<br><br>***GH 4***<br><br>Sebenzisa inkqubo yokubhala ngentsebenziswano nabgokuzimela ukuvelisa izicatshulwa ngo-<br><br>kukhetha nokuphononongа isihloko ngokungqubanisa iintloko, esebenzisa iimaphu zengqondo nezintlu;<br>kusebebnzisa izicatshulwa ezinokuntsonkotha okukhulayo njekemizekelo<br>kuqulunqa nokuphuhlisa isihloko ngolwazi olusemxholweni oluvela kweminye imithombo<br>kugcwangcisa iingcinga nokulandelelana ukuvelisa uyilo lokuqala. | **Inyathelo 8**<br><br>Utitshala unika abafundi ithuba lokuba baphande ngosuku lwamakhosikazi eMzantsi Afrika ngokwamaqela<br><br>**Inyathelo 9**<br><br>Utitshala ubayalela abafundi ukuba babhale isincoko ngosuku lwamakhosikazi ekubeni befunde amalungelo abantu kwincwadi yomgaqo siseko. | **Inyathelo 8**<br><br>Abafundi bayaphanda bencedisana ngokwamaqela.ngolu suku benika izizathu zokukhethwa kwal olu suku.Bathi ke balungiselele unikezelo lophando.<br><br>**Inyathelo 9**<br><br>Abafundi babhala isincoko beqaphela amanqanaba okubhala | IFomu:Uphando<br>IMethodi:Utitshala<br>Izixhobo:Irubriki<br><br>IFomu:Isincoko<br>IMethodi:Utitshala<br>Izixhobo:Irubriki |

| | | | |
|---|---|---|---|
| kuhlaziya iiyilo ezininzi ecinga ngenjongo, ngabaphula-phuli, ngolwimi olusetyenzisiweyo, nocwangciso oluntsonkothileyo neempawu ezilula ezimbalwa zesimbo sokubhala aze ahlaziye ngokufanelekileyo<br>kuhlaziya ngokunzulu ubhalo lwakhe nolwabalingane, anike iingcebiso, ebonisa uvakalelo kumalungelo neemvakalelo zabanye<br>kuvavanya nokulungisa uyilo ngokusebenzisa ulwazi lolwimi kwimeko, apho kufanelekileyo ngokwebanga<br>kupapasha imveliso yokugqibela, enika ingqalelo kukwazisa okuyilayo nakwiimpawu ezahlukeneyo zokwakhiwa<br><br>**PF 5 Ukucinga Nokuqiqa**<br><br>**GH 1**<br>sebenzisa ulwimi ekucingeni nasekuqiqeni ngo-kusebenzisa ubuchule bokucinga nokuqiqa kwiimeko ezahlukeneyo ngokudibene ngokwekharityhulamu<br>kuxoxa nokucacisa imbono noluvo lombhali kwizicatshulwa ezahlukeneyo<br>kucacisa nokuxoxa intsusa nesiphumo, (umz.: Kutheni oku kungunobangela wokukulandelayo?<br><br>kuvakalisa uluvo oluchasayo baze banike ezinye indlela, (umz. Andivumi kuba ….. kwaye ndixhasa ingxoxo yam ngoluhlobo lulandelayo……)<br>kunakana nokucacisa kungokuba kutheni ulwazi lusenokucingelwa ukuba luneengongoma eziyinyaniso okanye eluqhutywa luluvo olucalanye | **Inyathelo 10**<br><br>**Qaphela:**<br><br>Phambi kokuba abafundi babhale isincoko ngolusuku lwamakhosikazi abafundi banganikwa ithuba lokunikezela ingxelo yophando besitsho ukuba bayavumelana na okokuba olu suku kuthiwe lusuku lwamakhosikazi | **Inyathelo 10**<br><br>Abafundi bayanikezela lo gama abanye bephula phule behlola amanye amaqela kunikezelo olo. | IFomu:Unikezelo<br>IMethodi:Utitshala<br>Izixhobo:Itsheklisti |

| | | | |
|---|---|---|---|
| **PF 6 Usetyenziso Lolwimi**<br>**GH 1** sebenza ngamagama ngo-<br><br>Kusebenzisa ubuchule obuninzi obahlukeneyo bokupela amagama angaqhelekanga;<br>Kuyila uluhlu lwakhe lopelo nesichazi-magama samagama ngokuhlangene nekharityhulam aze axoxe ngamagama anika ingxaki;<br>Kusebenzisa isichazi-magama nencwadi eyingqokelela yamagama ngobuchule ukuphanda isigama nopelo<br>Kusebenzisa izifinyezo nonobumba bokuqala bamagama ngokufanelekileyo<br>Kusebenzisa amgama ahlobeneyo nawesifundo esifanayo kwimeko ukwandisa isigama kwimeko<br>Kesebenzisa izimaphambili nezimamva ukwenza intsingiselo<br>Kucacisa indlela iilwimi eziboleka ngayo amagama kwezinye iilwimi, nendlela amagama amtsha akhiwa ngeyo aze awzsebenzise ngokufanelekileyo | **Inyathelo 11**<br><br>Utitshala unika abafundi isicatshulwa azinyulele sona ukuba asifunde,ze bakhuphe amagama ekunokugxininiswa kuwo izandi nopelo umz:ngx,ngq,nkx.nc,ngc njl-njl. | **Inyathelo 11**<br><br>Abafundi benza umsebenzi wopelo magama.Ngabanye bayila uluhlu lopelo nezichazi magama ezizezabo.Baqaphela neendlela iilwimi eziboleke ngayo amagama kwezinye iilwimi nendlela amagama amatsha akhiwa ngayo ze bawasebenzise ngokufanalekileyo. | IFomu:Umsebenzi weklasi<br>IMethodi:Utitshala nabafundi<br>Izixhobo:Imemorandam |
| **GH 2**<br>sebenza ngezivakalisi ngo:<br><br>Kuchonga nokusebenzisa izibizo, izimelabizo, izenzi, izichazi, izihlanganisi, izikhuzo, izifanekisozwi, izihlomelo.<br>Kusebenzisa nokuhlalutya iintlobo zezenzi: uhlobo lokuqondisa, lokuqhubeka, lolandelelwano, lokuyalela, lokukhankanya<br>Kuchonga nokusebenzisa amalunga esakhiwo sesivakalisi esifana nentloko, isenzi, nenjongosenzi<br>Kusebenza zonke iindidi zeziphumlisi, umz. ikoma | **Inyathelo 12**<br><br>Utitshala unika abafundi ithuba lokuba basebenzise la magama anezi zandi zinokuntsokotha kwizivakalisi ukuphuhlisa intsingiselo nokukhupha iintlobo zezenzi kanti nokuchonga intloko,isenzi nenjongosenzi | **Inyathelo 12**<br><br>Abafundi benza umsebenzi obhalwayo ngokusetyenziswa kwamagama kwizivakalisi beqwalasela izakhi zamalungu amahlobo, neentlobo zezenzi. | IFomu:Umsebenzi weklasi<br>IMethodi:Utitshala nabafundi<br>Izixhobo:Imemorandam |

<table>
<tr>
<td><u>GH 3</u><br>sebenza ngezicatshulwa ngo:<br>kuguqula ukusetyenziswa kwesihloko nokuxhasa zivakalisi (umz: ukubeka isihloko sesivakalisi ekugqibeleni) ukudala ulandelelwano kwimihlathi;<br>kusebenzisa izihlanganisi ukwenza ulandelelwano lweengcinga eziqiqiweyo kumhlathi;<br>kulandelelanisa imihlathi ngokufanelekileyo ukudala zicatshulwa ezide.<br><br><u>GH 4</u><br>phuhlisa ingqiqo nokusetyenziswa kwesimbo sokubhala ngo-<br>kusebenzisa ubude neentlobo ezahlukeneyo zesivakalisi;<br>kwahlula phakathi kolwimi olusesikweni nolo lungekho sikweni;<br>kusebenzisa izangotshe zolwimi nesimbo sokuthetha;<br><br><u>GH 5</u><br>khulisa ingqiqo enzulu yolwimi ngo-<br>kuchonga izicatshulwa apho ulwimi lungathethi oko kuthethwayo achonge intsingiselo ekubhekiswe kuyo;<br>kuchonga ulwimi olusetyenziselwa injongo ethile;<br>kuchonga nokusebenzisa amagama abonisa uvakalelo kwimibandela ephathelele kwisini, kubulungu, kummandla, kwimpilo, kwintlalo nakwinkcubeko.</td>
<td><u>Inyathelo 13</u><br><br>Utitshala unika abafundi umsebenzi obhalwayo malunga neentlobo zezivakalisi, ulwimi olusesikweni, izafobe, izithethantonye, izichasi.</td>
<td><u>Inyathelo 13</u><br><br>Abafundi babhala ezincwadini oku kulandelayo:<br>I. Iintlobo ezahlukileyo zezivakalisi<br>II. Usetyenziso lwamagama afanelekileyo<br>III. Usetyenziso lwezafobe<br>IV. Izithethantonye<br>V. Izichasi</td>
<td>IFomu:Umsebenzi weklasi<br>IMethodi:Utitshala nabafundi<br>Izixhobo:Imemorandam</td>
</tr>
<tr><td colspan="4">Izixhobo zokufundisa: Uluhlu lwamalungelo omgaqo siseko oMzantsi Afrika, iincwadi zegrama, izicatshulwa, izichazi magama, njl-njl.</td></tr>
<tr><td colspan="4">Izithinteli kufunda:Utitshala uyabazi bonke abfundi bakhe ngoko ke makalungiselele ngeemfuno neemeko ezo</td></tr>
<tr><td colspan="4">Sihambe njani isifundo:Utitshala ujonga abhale indlela isifundo sakhe esithe sahamba ngaso akuba egqibile ukufundisa enze ngofanelekileyo</td></tr>
</table>

| **IPLANI YESIFUNDO**<br><br>**ISIXHOSA (ULWIMI LWENKOBE)**<br>**UMONGO:EZIBONWAYO NEZIVIWAYO**<br>**UMXHOLO: INQAKU LEPHEPHA-NDABA**<br>**IBANGA LESIBHOZO**<br>**IXESHA: IVEKI EZI-3** | | | |
|---|---|---|---|
| **UMONGO**<br>**PF NEE GH** | **INDIMA KATITSHALA** | **INDIMA YOMFUNDI** | **UHLOLO** |
